URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Karen Dudley
Glynis Schreuder
ICandelo leKharityhulam ye-*GET* neleKharityhula ye-*FET*
Karen.Dudley@westerncape.gov.za | 021 467 2056
Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za | 021 467 2622

Inombolo yefayili: 21/2/9/1/CURRICULUM COVERAGE
Isalathiso: 20240926-7009

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-*GET* neyeKharityhulam ye-*FET*: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiNtloko zokunika inkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiNtloko zoLawulo nokuphathwa kwamaziko, kuBacebisi ngezifundo, kwiNqununu zezikolo eziziprayimari nezizisekondari

Isihloko: Ukubeka esweni ukufundiswa kweKharityhulam noVavanyo

1. Ii-*Annual Teaching Plans* (*ATPs*) zokubuyisela imeko esiqhelweni zaphunyeziwe kuwo onke amabakala njengenxalenye yesicwangciso sokubuyisela imeko esiqhelweni seminyaka emithathu sikaZwelonke. Ngenxa yesi sizathu, ii-*ATPs* ziya kuhlala zisebenza kude kuphume isaziso esivela kwiSebe leMfundo esiSiseko sikaZwelonke (iSebe i-*DBE*).

2. Ukubeka esweni nokunika ingxelo ngokuphunyezwa kwee-*ATPs* zokubuyisela imeko esiqhelweni kubaluleke ngokuba kuqinisekisa ukuba abafundi bakulungele ngokweneleyo ukuya kwibakala elilandelayo.

3. Lo ngumsebenzi oluxanduva lwabo bonke abathathi-nxaxheba abaquka ootitshala bezifundo, iintloko zamaCandelo ezifundo, iinqununu, abacebisi ngezifundo. Injongo yezi ngcebiso zinikwa yile ngcaciso imfutshane kukunciphisa kunye/okanye ukuthintela umsebenzi omninzi wezolawulo ngokumisela inkqubo efanayo yokubeka esweni nokunika ingxelo ngokufundiswa kwekharityhulam novavanyo.

4. Le ngcaciso imfutshane kufuneka ifundwe kunye nala maxwebhu alandelayo:

4.1 Uxwebhu lweSebe i-*DBE* i-*Building blocks for effective school management,* ekufuneka izikolo zinike ingxelo ngokubhekiselele kulo malunga nezalathisi ezininzi eziquka ukufundiswa kwekharityhulam novavanyo; kunye

4.2 NeNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo (*CAM Minute):* 0004/2021 yomhla we-15 Disemba 2021, eyenza kunyanzeleke ukubeka esweni nokunika ingxelo ngokufundiswa kwekharityhulam novavanyo.

5. Le ngcaciso imfutshane ikwanika iingcebiso ngokuba kungabekwa esweni njani na ukufundiswa kwekharityhulam novavanyo kumanqanaba awohlukileyo. Ukubeka esweni ukufundiswa kwekharityhulam kumanqanaba awohlukeneyo kuboniswe ngemizobo ecacileyo (*depicted graphically*) kwisiHlomelo E yaye kucacisiwe apha ngezantsi.

5.1 Ukubeka esweni nokunika ingxelo kwinqanaba laseklasini:

5.1.1 Ii-*ATPS* zokubuyisela imeko esiqhelweni mazisetyenziselwe ukunika ingxelo ngokubhekiselele kuzo yaye zinako ukufumaneka ngokusebenzisa le link: https://www.education.gov.za/Curriculum/NationalCurriculumStatementsGradesR-12/2023ATPs.aspx

5.1.2 Kucetyiswa **ootitshala** ukuba bafakele le miqolo (*rows*) ilandelayo:
Umqolo 1: Umhla wokuqala nowokugqibela; kunye
Umqolo 2: Neekhomenti (ootitshala kufuneka baquke imingeni, imiba ngeemeko-bume ezinokuchaphazela ixesha elabelwe ukugqiba ukufundiswa kwekharityhulam nokuba oku kuya kulungiswa njani na oko.)

5.1.3 Imizekelo yesigaba ngasinye, oku kukuthi iSigaba esiSiseko, iSigaba esiPhakathi, iSigaba esiPhakamileyo, nezigaba i-*General Education and Training and Further Education and Training Phases*, ziqukwe njengeziHlomelo A, B, C no-D ngokulandelelanayo.

5.2 Ukubeka esweni nengxelo enikwa **yintloko yecandelo lesifundo (*departmental head*):**

5.2.1 Intloko yecandelo lesifundo kufuneka ikubeke esweni qho ukufundiswa kwekharityhulam novavanyo kootitshala bezifundo kwicandelo layo;

5.2.2 Ukunika ingxelo kwinqununu kufuneka kwenziwe qho ngeKota, kusetyenziswe isampuli yeencwadi zabafundi (*sample*), izicwangciso zokufundisa zootitshala, njl-njl. yaye

5.2.3 Makufundwe isiHlomelo F njengomzekelo wenkqubo-sikhokelo yokunika ingxelo *(reporting framework*).

5.3 Ukubeka esweni nengxelo enikwa **yinqununu:**

5.3.1 Iinqununu kufuneka zikubeke esweni ukufundiswa kwekharityhulam novavanyo kwazo zonke izifundo ezifundiswa esikolweni ngokusebenzisana neentloko zamacandelo ezifundo kunye/okanye nootitshala bezifundo;

5.3.2 Ukunika ingxelo ngokufundiswa kwekharityhulam novavanyo kufuneka kwenziwe qho ngekota kumphathi wesekethe yaye;

5.3.3 Iinqununu ziya kunika ingxelo ngokufundiswa kwekharityhulam novavanyo ngesixhobo i-*building blocks instrument*. Ii-*ATPs* apho ootitshala besifundo barekhode imihla yokuqala neyokugqibela kwakunye nenkcazelo nezixhobo zokunika ingxelo ezingeniswe ziintloko zamacandelo ezifundo, ziya kusebenza njengobungqina.

5.4 Ukubeka esweni nengxelo enikwa **ngabacebisi bezifundo nangabaphathi beesekethe**:

5.4.1 Abacebisi ngezifundo baya kubeka esweni ukufundiswa kwekharityhulam novavanyo ngethuba lokundwendwelwa kwezikolo ngenjongo yokuzinika inkxaso;

5.4.2 Baya kunika inkxaso eyimfuneko kwimingeni echaziweyo yaye banike ingxelo elolu hlobo ; nokuba

5.4.3 Abaphathi beesekethe baya kungqinisisa ukubeka esweni ukufundiswa kwekharityhulam novavanyo ziinqununu.

6. Siyathemba ukuba iinkqubo ezingasentla ziya kunika inkxaso malunga nokuphunyezwa kwekharityhulam kuzo zonke izifundo yaye oko kuya kuqinisekisa ukufundisa nokufunda okusemgangathweni.

7. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2024-09-27